Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

February
2009

PO Box 20
Hermanus 7200

| | Telephone | Fax |
|---|---|---|
| Hermanus | 028 313 8000 | 028 313 1894 |
| Gansbaai | 028 384 8300 | 028 384 0241 |
| Kleinmond | 028 271 8400 | 028 271 4100 |
| Stanford | 028 341 8500 | 028 341 0445 |

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

# Bulletin

*Incwadi ethunyelwa amalungu e - Bhunga le Overstrand esesikweni*

# IIHOLIDE EBEZIKHUSELEKE NGOLONA HLOBO

## UKUTYALWA KWABAGCINI-MTHETHO KUBENEZIPHUMO EZIHLE

Ukubangqwabalala kwabagcini-mthetho kodwa bengalahlekelwanga bubuntu kudale ixesha leeholide ezakhe zakhuseleka eOverstrand.

Ukongeza kwisicwangciso senkonzo eyenziwe ngempumelelo, abagcini-mthetho banegalelo abalenzileyo ukunika amawakawaka abathathi-khefu ixesha lokuphumla nokubeka phantsi amaxhala. Ezi ziphumo zincomekayo ziphinde zenza ukuba iOverstrand ibonwe njengendawo yabatyeleli ekumgangatho ophezulu. Nangona kugquba immeko ezimbi zoqoqosho amanxweme ethu atsale amanani amakhulu abatyeleli.

Abaphathi abaPhezulu kuKhuseleko loLuntu ngokukhokelwa nguMnu Neville Michaels baphumelele emagqabini kumceli mngeni 'wokungeniswa kwabo ekhaya'.

Ngokutsho koMichaels uMasipala uncedise nangenkxaso eyiNkonzo yaMapolisa aseMzantsi Afrika, eminye imibutho yokhuseleko neNkonzo yamaGosa endlela kwiPhondo, kwiinzame ezenziwe ngamagosa omthetho, abagcini bomthetho nocwangco ukuqiniseka ukuba yonke into ihamba ngendlela.

Kwasetyenziswa inkqubo 'yokungahleki nenye kwezihlekisayo' kangangokuba nezikhalazwana zazithathelwa unyawo.

“Kwakugcwele kuwo onke amanxweme eelwandle; ngakumbi kulawo anembasa yeFlegi eBlowu yaye umthetho othintela ukusela esidlangalaleni wenza akwabikho bantu batshona elwandle kwaye akuzange kubekho ngxelo yathi yenziwa malunga nezehlo,” Wachaza watsho uMichaels.

UMichaels waqhubela phambili wanika ezi nkcukacha zilandelayo ngexesha leeholide. Izinto ezazinokwehla kungalindelekanga zazicwangciselwe amacebo anokusetyenziswa. Ihelikopta yokuhlangula engulindixesha yayingxangile kwaye yadlala indima ebalulekileyo ekuhlanguleni amasela eembaza xa athi ophukelwa yinjini yephenyane lawo phakathi elwandle.

Ezi zenzo zolwaphulo-mthetho zilandelayo zibonisa ukuba iSebe lezoThutho lalithe qwa: ezine zezokuqhuba phantsi kweempembelelo zotywala, ezingama-113 zezokuqhuba ngaphandle kwelayisenisi kunye nezingama-774 zeenqwelo-mafutha ezingahlawulelwanga. Kwabakho iingozi zemoto ezili-18 nekwathi kwaphuma umphefumlo kwenye yazo. Ngabantu abli-9 abathi babanjelwa ukwaphula umthetho wezendlela kwathathelwa elugcinweni iimoto ezimbini ngokungabikho ndleleni.

Ngabantu abangama-3 000 abathi bahlawuliswa ngokuqhuba ngesantya esigqithisileyo. Sisantya sokuqhuba iikhilomitha ezili-163 ngeyure kummandla weekhilomitha ezingama-80 eGansbaai esathi safakwa ezincwadini. Isebe leZothutho lakhupha amatikiti angama-5 640 xa ephelele naxabisa iR1 462 800.

Kwasetyenzwa ngale miba ilandelayo ngokuphathelele okophulweni komthethomasolotya kamasipala: amatyala ali-136 okuchama esidlangalaleni, angama-30 okulahla inkunkuma ngokungekho mthethweni, angama-341 okusela utywala esidlangalaleni nangama-32 okuhamba ngaze elwandle. Kwabakho amatyala aye aphandwa angama-269 ezinja. Izinja ezingama-57 kuzo zaye zasiwa elugcinweni. Kwabakho amatyala angamashumi amabini okwenza ingxolo enganyamezelekiyo nali-194 aphathelele ekuziphatheni ngendlela egwenxa. Nangona kwakukho iindawo ezilungiselelwe ukudlala ngeziqhushumbisi, ngamatyala angama-37 abandakanya ukudlala ngeziqhushumbisi athi aphandwa.

Kwabizwa isicima-mlilo ngokuqhambuka komlilo wedlelo kwiindawo ezingama-20 kunye nokutsha kwezindlu ezintathu. Kwabakho isehlo sokutsha kuphele amatyotyombe asibhozo. Ngethamsanqa akuzange kubekho mphefumlo uphumayo okanye ukugxwelerheka okumasikizi.

Kwiziko lokuvavanya abaqhubi ngabantu abali-114 abathi bavavanywa ukuze bafumane iilayisenisi zabafunda ukuqhuba, yaye ziilayisenisi ezingama-91zabafunda ukuqhuba ezathi zakhutshwa. Amadinga abo babeza kufumana iilayisenisi zokuqhuba ngama-95 kubekho nabantu abangama-484 ababefake izicelo zokuguqukela kuhlobo olutsha lwelayisenisi. Inani leepemete zokuthutha abantu lafikelela kuma-52.

Usodolophu onguMaqhuzu, uTheo Beyleveldt onguCeba wavakalisa ukoneliseka kwakhe ngala manani watyibela abahlali nabatyeleli ngentsebenziswano yabo ekumgangatho ophezulu.



## AMALUNGISELELO OKUMELANA NAMADANGATYE OMLILO

*Umlilo wamadlelo yingozi exhalabisa kakhulu ngexesha lehlobo elide nelomisayo eNtshona Koloni kwaye, emva kweemvula eziye zana ngamandla ebusika kubakho ihlumelo namatyholo ashinyeneyo. Ngelishwa asilohlumelo namatyholo ashinyeneyo kuphela athi atshatyalaliswe ngumlilo: Umoya obhudlayo unako ukuqhuba iintlantsi zomlilo uyokuzifaka embindini weendawo ezihlala abantu apho izindlu ezifulelwe ngca zinokuntumekeka lula ngumlilo. NgoDisemba saziselwa iFire Brigade entsha kraca (eyaziwa ngokuba sisicima-mlilo ngabo bangalaziyo eli gama) ukuze kubekho ukumelana neemeko ezigquba kulo mmandla. Iqela lezicima-mlilo zikamasipala waseOverstrand lenziwa zizicima-mlilo ezibini zeminyaka yee-80s ezineenjini ezihlaziywe ngokutsha nempompo enkulu engabikwa hlaba ekwaziyo ukumelana nomsebenzi okumgangatho ophezulu. Xa siyibala yonke le nto asinakuyilibala ihelikhopta eqashwe ngokuncedisana nomasipala wommandla waseOverberg ukuze incedise ekulweni nomlilo ngokuphosa amanzi isemoyeni. I-Overstrand inenani labacimi-mlilo abaqeshwe isigxina eKleinmond, eHermanus naseGansbaai kunye neqela elisebenza ngamaxa athile. Ngokugcweleyo kuqeshwe abasebenzi bakamasipala namavolontiya asuka kwiidawo eziphantsi koomasipala abakhankanyiweyo. Isicima-mlilo esitsha sifumaneke nge-R1,8 miliyoni kwaye sichazwa ngesona sikhuselekileyo nesona silawuleka ngokulula kwezikumgangatho waso ukuze sibenako ukusebenza phantsi kweemeko zasemaphandleni nakwiimeko zasezidolophini. Sixhotyiswe ngetanki eliginya ama-4000 eelitha zamanzi kunye nama-400-elitha zogwebu olumhlophe ukuqinisa ihlelo labacimi-mlilo abaphambili ekulweni nomlilo; oku kukongeza phezu kwama-600 eemitha zamathumbu amanzi anokudityaniswa kwiqela lemibhobho yamanzi esetyenziswa xa kusitsha izindlu. Kuyo yonke le nto kukho into yokuba kusekuzikhetheleni koomasipala ukuba bafuna ukuba le mibhobho yongezwe ifikilele kuma-900 eemitha xa benokufuna njalo.*

## LISATYELWE IKHWELO LOKURHAFELWA KWEZINJA


Lisatyelwe ikhwelo lokubhaliswa nokurhafelwa kwezinja ngabaninizo, isenzo esihambisana noMthetho-masolotya omtsha ngokuphathelele kwiiKati neZinja. Ukususela ukuba kwahanjiswa iifomu zokubhalisa yiofisi yokuhlawula iiakhawunti zikamasipala ekuqaleni koNovemba, zizinja ezingama 1665 ezithe zahlawulelwa iilayisenisi, kwaqokelelwa ama-R66 600 ayintlawulo-mali yeelayisenisi.

Intlawulo-mali yelayisenisi yenja ixabisa amaR40,00, kodwa abo badla umhlaphantsi neeklayenti ezibhalise njengabantu abahlele-lekileyo abanakunyanzelwa ukuba bahlawule xa benokwenza isicelo ngenxa yemeko yabo.

Kodwa, basebaninzi abahlawuli beenkonzo zikamasipala abangekalisabeli eli khwelo, kwaye kukho isicelo esikhawulezileyo sokuba babuyise iifomu zokubhalisa ngokukhawuleza basinde ekuvingcelweni okanye bahlawuliswe umdliwo wokugcina inja engarhafelwanga layisenisi.

Lo mthetho-masolotya awuvumi ukuba inani lezinja ezifuyiweyo lidlule kwisibini, inani leekati ezifuyiweyo lidlule kwisithathu. Abahlawuli beenkonzo zikarhulumente abafuye izilwanyana ezidlulileyo kwinani elivumelekileyo bangafaka izicelo zokuba kumiswe ukunyazeliswa kwalo mthetho kwisithuba sabo ngokweli thuba. Abakhwelisi bezinja, oononvenkile bezilwanyana nezibhedlele zezilwanyana njl. bona banokwenzelwa amalungiselelo awodwa.

# KUHLOWA UHLOBO ONOKUPHUCULWA NGAYO UMGANGATHO WENDLELA ENGENA EHERMANUS




Kuhlolwa ubungakanani bonakalo kokusingqongileyo onokuthi udalwe yingcinga yeSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu yokuba kuphuculwe umgangatho wendlela enguR43 apho iSandbaai Road inqumlana khona neMimosa Road eHermanus, le yindlela eyintloko isuka eCape Town naseN2 iyokungena eHermanus.

Yingxinano edala ukuhamba kancinane kweenqwelomafutha kwiiyure zokuthontelana kwazo ezindleleni ngamaxesha eeholide nangeentsuku ezikhethekileyo kwindlela engu R43 (TR28/1) engena eHermanus ibuye iphume kwalapho ethe yachazwa njengonobangela wokwenziwa kwale projekthi, kodwa kukho ukuxhalaba ngokhuseleko lwabahambi ngeenyawo eMount Pleasant kunye neengozi ezehla kwezinye zeendlela ezinqumlanayo. Esi sindululo senziweyo ukuphucula umgangatho wale ndlela siza kwenza le ndlela isebenze kakuhle kubekho nokhuseko kule ndawo kaR43.

Ziimitha ezingama-200 zendlela engumcwe omnye kwicala lasentshona ko-R43 ekunqumlaneni kweSandbaai Main Road neMimosa Street eza kwenziwa imicwe emibini yendlela, ngohlobo olufana nenda-wo enomgangatho osele uphuculwe ekunqumlaneni kweendlela eSandbaai. Ukusuka kwidawo eneendlela ezinqum-lanayo eMimosa Street le micwe mibini yendlela iza kwenziwa umcwe omnye kwakhona kangangeemitha ezili-150 uhlanganiswe nale ndlela ikhoyo kakade ingakhange yenziwe imicwe emibini. Ubude bale ndlela iza kusetyenzwa buqikelelwa kuma-2.4 km. Iindawo ezineendlela ezinqumlanayo apho kusetyenzwa khona ziza kuphuculwa.

Akukho zakhiwo ziza kuphazanyiswa ngumsebenzi wokuphucula umgangatho. Kuza kwenziwa iipevemente zokuhamba abantu kufakelwe nezibane ezikhanya ngcono. Indawo enerobhothi ecofwa ngesandla eMount Pleasant ukunqumlisa abahambi ngeenyawo iza kuyekwa isebenza ngokuncedisana nezinye izibane ezilawula ukuhamba kweenqwelomafutha ukuze kungabikho ngxinano. Le ndawo yokunqumla abahambi ngeenyawo isem-bindini wezakhiwo ingasuswa kule ndawo ekuhambeni kwexesha yenziwe apho kunqumlana khona iindlela ukuphucula ukhuseleko nokuhamba ngaphandle kwengxinano. Iindawo zokuqabela iibhasi neteksi ziza kwenziwa apho kuyimfuneko.

Le projekthi iza kuquka isayithi egcina izinto zokusebenza eziquka amatanki amabini aginya idizili engama 20 m3 yamafutha enqwelo. Lo msebenzi wokwa-khiwa kwendlela uza kudla ihektare ezisixhenxe zomhlaba.

Umhlaba omninzi yindlela yabucala. Apho kukho imfuneko uRhulumente wePhondo uza kuthethana nabanini bomhlaba ukuba bazifunele enye indawo okanye bafumane umhlaba wengqesho. Umhlaba ongaphezulu uza kufunjwa usetyenziswe kwenye indawo esebenza le kotrakthi kufefwe ngamanzi ukulalisa uthuli. Abaqhubi-zimoto baza kukwazi ukuse-benzisa indlela endala ngexa kusakhiwa le intsha.

Ukuba kuvunyiwe ukuba wenziwe lo msebenzi, ukuqala kwawo kuza kuxhomekeka ekufumanekeni kwemali, kwaye le yinto enokuqala emva ko-2010 ukubheka phambili. Le projekthi iza qasha inani labantu abambalwa ekuhlaleni. Akukho zicelo zomsebenzi ziyakwamkelwa ngexesha lokuThatha iNxaxheba koLuntu.

Isebe lonyule inkampani enguRosenthal Environmental ukuba yenze amalungiselelo okuqala komsebenzi. NgoJanyuwari kwabekwa usuku oluvuleleke kuluntu ukuba luphose imibuzo ngalo msebenzi kwaye ingxelo eyilwayo iyafumaneka kwiLayibrari yaseHermanus kude kube ngumhla wama-23 Februwari 2009 ukuba lunike iimbono zalo. Abo bafaka amaxwebhu anika izimvo zabo okanye abo babhalisa njengabantu abafuna ukwazi ukuba oku kuza kubachaphazela njani baza kwaziswa ngendlela eqhuba ngayo inkqubo yokuhlolwa komhlaba.

Onomdla wokubhalisa angaqhagam-shelana noPhilip Rosenthal ngale nombolo/ feksi 021 685 4500, nombolo yeselula 082 6768966, imeyile mail@PhilipRosenthal.com okanye ngencwadi emayithunyelwe ngale dilesi yaseposini Postnet 114, Private Bag X18, Rondebosch 7701.

## IKHALENDA NGOKUSINGQONGILEYO EHLABATHINI: NR 1

## SONKE SITHUNGELENE NGEMIGXOBHOZO

Emva kwempumelelo yesiqendu sonyaka ophelileyo ngezityalo zamanye amazwe ezigqiba amanzi nokutya, sibone ukuba masijolise umdla wethu kwiKhalenda yo-Kusingqongileyo eHlabathini kwilinge lokuqondisa uluntu ngezihloko ezindidi ndidi ezalathwa lusuku ngalunye olukule khalenda.

Usuku lwesi -2 Febhruwari lolokuqala kule khalenda, Usuku lweMigxobhozo eHlabathini. Inkomfa engeMigxobhozo eyayibanjwe kunxweme lolwandlekazi lweCaspian eluseRamsar enye yeedolophu zase-Iran ngo1971 iphawulwa ngolu suku. Isivumelwano esenziwa kule nkomfa yaziwa ngokuba yiRamsar Convention kule mihla, sijolise ekuphuhliseni ulondolozo lwemigxobhozo nokusetyenziswa kwayo ngemvisiswano nobulumko ukususela kwingingqi, iphondo, uzwelonke nakwihlabathi liphela kwiinzame zokuqinisekisa uphuhliso oluzinzileyo.

Umongo woSuku lweMigxobhozo eHlabathini ngo2009 uthi “Emantla entlambo–Emazantsi entlambo: Imigxobhozo Isidibanisa Sonke”, yaye kujoliswe kumachweba neendlela alawulwa ngayo. Amachweba emilambo ayathungelana, njengokuba umongo uchaza, abantu abahlala kufutshane nawo bayachatshazelwa zizinto ezenziwa ngabahlala entla kwawo ngeli xesha nezinto ezenziwa ngabo zibachaphazela abo bahlala emazantsi entlambo. Ngoko ke, bonke abantu bayaphazamisana namacheba abo. Oku akuphathelenanga nabenzi bezicwangciso nkqubo nabaphathi okanye oorhulumente kuphela koko kuphathelelene nabasebenzisi bawo ngokwabo. Siyasebenzisa amanzi asechwebeni lomlambo xa sisonke. Akukhathaliseki nokuba singabalimi, abalobi beentlanzi, abanini beevenkile zemveliso okanye iitsapho zamakhaya, iintshukumo zethu ziyalichaphazela ichweba lomlambo esihlala kufutshane nalo.

Imigxobhozo ephakathi kwamachweba omlambo iyathungelana. Idlala indima ebalulekileyo ekusetyenzisweni kwamanzi ngokuphinda yaye kubalulekile ukuba siyilondoloze imigxobhozo nanjengoko siluhlobo lwezidalwa empilo yazo ixhomekeke emanzini. Kwizinto eziphazamisayo singabala nje ezimbalwa, ukuphulukana nendalo yasemanzini, ukuguqulwa kweendlela ezibaleka amanzi omlambo ngokwasendalweni, indalo eluhlobo lwamanye amazwe nongcoloseko lwamanzi, zonke zizinto eziyichaphazela ngendlela egwenxa imigxobhozo. Iziphumo azichaphazeli umgxobhozo othile kuphela kodwa ziba yingxaki kwichweba lonke lomlambo. Ngoko ke, cinga kakuhle: Yintoni umsebenzi wakho wemihla ngemihla okanye izinto eziphathelene nawe ezinokonakalisa ichweba lomlambo kwingingqi yase-Ovestrand?

Usuku olulandelayo kwiKhalenda yoKusingqongileyo eHlabathini ngokubaluleka ngama-22 Matshi: uSuku lwaManzi eHlabathini. Kwihlelo elilandelayo, siza kuba siqwalasela imiba yokusingqongileyo ephathelene namanzi.



Efotweni: nguKerry van Rensburg noHermanus Times

## IMIGQOMO YOKUFAKA INKUNKUMA YASENDLINI ENOBUNGOZI

*Abahlali baseOverstrand ngoku banendlela efunwa ngurhulumente ukuze basebenzise yona ukulahla inkunkuma yasendlini enobungozi. Imigqomo eyenziwe ngohlobo olulodwa ukuze kulahlwe kuyo iikhemikhali ezisetyenziselwa ukutya nokudlavuza into, izinto ezinokudala amadangatye omlilo, izinto ezinokudala umhlwa, iibetri ezingagalelwa manzi nezibane ezibengelisayo iyafumaneka eSolid Waste Transfer Stations eHermanus naseKleinmond. Ukusuka apha inkunkuma enjalo iza kuthathwa isiwe apho kukho izixhobo zokusebenza inkunkuma enjalo eVissershok Waste Management Facility ngaseKapa. Ngokutsho kukaMnu Johan van Taak, intloko kwiZiko eliLawula ukuLahlwa kweNkunkuma kuMasipala waseOverstrand, olu hlobo lwalufuneka ngamandla njengokuba ngamanye amaxesha abahlali babeyidinga indlela yokulahla inkunkuma enobungozi ngakumbi xa bethutha bengafuni ukuhamba nezinto ezinjalo. Imizi mveliso nezibhedlele azinayo inkonzo elolu hlobo, zikho iinkonzo zabucala abanokuqhagamshelana nazo malunga nenkunkuma yabo. Apha uAnthony Louw, uAdolf Hansen noJohan bami ecaleni kwale migqomo isebenziseka lula, iphawulwe ngombhalo onika ulwazi ngohlobo lwenkunkuma onobungozi enokuthi ilahlwe kuyo. Ukuba awuqinisekanga ngenqanaba ekulo inkunkuma yakho uvumelekile ukuba ungatsalela uMnu Van Taak umnxeba kule nombolo 028 316 3724.*

i

**Verkies u dié nuusbrief in ’n ander amptelike taal?** *SMS u rekeningnommer met A vir Afrikaans na* **082 338 1631**

**Do you prefer this newsletter in another official language?** *SMS your account number with E for English to* **082 338 1631**